URhulumente weNtshona Koloni
UPhuhliso loLuntu
UBAMBISWANO NGAMANDLA

ISAZISO
ESIBALULEKILEYO

ISIMEMO ESIYA KWIMIBUTHO YOBUGCISA NENKCUBEKO KUNYE NEMINYHADALA YENKCUBEKO ENTSHONA KOLONI SOKUBA IFAKE IZICELO ZONCEDO-MALI LWEEPROJEKTHI

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo limema imibutho yobugcisa nenkcubeko ebhalisiweyo nesebenza kwezougcisa obubonakalayo, ubugcisa baseqongeni (umz. umculo, umdaniso nemidlalo yeqonga), ubugcisa boncwadi nemisebenzi yobugcisa; iinkqubo zenkcubeko neefestivali zenkcubeko, ukuba ifake izicelo zoncedo-mali lweeprojekthi kunyaka-mali ka-2017/2018.

Izicelo zoncedo-mali mayibe zezeeprojekthi eziza kukhuthaza, ziphuhlise ze zilondoloze ezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni, ingakumbi iiprojekthi eziza noku:

- ukuxhobisa ngezakhono kwezobugcisa;
- ukukhuthaza ukubonakalisa ezobugcisa;
- ukukhuthaza iinguqu ezinentsingiselo namangenelo kwiindawo esihlala kuzo;
- ukuqonda nokuphononongа amasolotya enkcubeko elifa lethu lemveli; kunye
- nokuvula amathuba ngezobugcisa.

Izicelo mazenziwe ngokugcwalisa ifomu emiselweyo, ikhatshwa ngamaxwebhu axhasayo afanelekileyo.

Iifomu zezicelo ziyafumaneka kule webhusayithi www.westerncape.gov.za/cas ze imibuzo okanye izicelo zeefomu zezicelo zibhekiswe komnye wala magosa karhulumente alandelayo:

UNdlu-nkulu, eKapa/I-Ofisi yeNgingqi yaseVredendal Fareedah Hunter Umnxeba: 021 483 9724 Fareedah.Hunter@westerncape.gov.za	**I-Ofisi yeNgingqi yase-Oudtshoorn** April Meiring Umnxeba: 044 2791766 April.Meiring@westerncape.gov.za

Izicelo zingaposelwa, zithunyelwe okanye zisiwe ngesandla kwezi dilesi zilandelayo:

DCAS Arts and Culture Private Bag X9067 Cape Town 8000	DCAS Arts and Culture Umgangatho wesi-3 Isakhiwo iProtea Assurance EGreenmarket Square EKapa 8001
I-Ofisi yeNgingqi yase-Oudtshoorn 215 Seppie Greef Building Oudtshoorn 6620	I-Ofisi yeNgingqi yaseVredendal 31 Matzikama Street EVredendal 8160

Ukuvalwa kwezicelo: 16:00 ngoLwesihlanu, 31 kweyoKwindla 2017.
Izicelo ezifeksiweyo okanye ezi-imeyiliweyo azisayi kwamkelwa.
Izicelo ezifike emva kwexesha azisayi kwamkelwa.
Nceda uqaphele: Uncedo-mali lulinganiselwe. Ukufakwa kwangexesha kweefomu zezicelo ezigqityiweyo akusosiqinisekiso sokuba luyafumaneka uncedo-mali.